



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NOVEMBA 2016**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: liyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha angama-21.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.
2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha LINAMACANDELO amaNE:  

ICANDELO A: Inoveli	(35)
ICANDELO B: Idrama	(35)
ICANDELO C: Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D: Isihobe	(35)
4. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.  
  
ICANDELO A: INOVELI  
Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.  
  
ICANDELO B: IDRAMA  
Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.  
  
ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE  
Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane OMABINI.  
  
ICANDELO D: IMIBONGO  
Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.
5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.
6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.
7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
8. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

<b>ICANDELO A: INOVELI</b>		
<b>Phendula imibuzo ekwinoveli oyifundisiweyo.</b>		
<b>INANI LOMBUZO</b>	<b>AMANQAKU</b>	<b>IPHEPHA</b>
1. <i>Kusa Kusihlwa</i>	35	5
2. <i>Umqol' uphandle</i>	35	8
<b>ICANDELO B: IDRAMA</b>		
<b>Phendula imibuzo ekwidrama oyifundisiweyo.</b>		
3. <i>Ndiyekeni</i>	35	11
<b>ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE</b>		
<b>Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.</b>		
4.1 'Umntu akalahlwa'	17	15
4.2 'Ngumntu onjani lo?'	18	16
<b>ICANDELO D: ISIHOBE</b>		
<b>Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.</b>		
5.1 'Intyatyambo'	17	18
5.2 'Umanyano'	18	20

**ITSHEKHLISTI**

<b>ICANDELO</b>	<b>AMANANI EMIBUZO</b>	<b>INANI LEMIBUZO EPHENDU LWAYO</b>	<b>PHAWULA (√)</b>
A: Inoveli (Kusa Kusihlwa) (Umqol' uphandle)	1–2	1	
	<b>OKANYE</b>		
B: Idrama (Ndiyekeni)	3	1	
	<b>OKANYE</b>		
C: Amabali amafutshane (‘Ngumntu onjani lo?’) (‘Umntu akalahlwa’)	4	1	
	<b>OKANYE</b>		
D: Isihobe (‘Umanyano’) (‘Intyatyambo’)	5	1	

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

**ICANDELO A: INOVELI****UMBUZO 1: KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

1.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

Uyise kaMpumelelo yena ebesebhetele kwezi ntsuku kangangokuba ebecinga ukuphindela emsebenzini ngoMvulo. Naye uqabuke sekubethe isiqingatha emva kwentsimbi yesibhozo, yamkhathaza le nto kuba ebethanda ukuvukela evenkileni yakhe xa eziva engcono. Namhlanje ubebanjelwe ngamaphupha athe akuwazikisa akawathanda. Akakhange azikhathaze ngokuwaxelela inkosikazi yakhe.	5
Uphuphe ngathi uvuswa kukukhala kwesikhova athe akukroba wafika sihleli ngcu phezu kwale ndlu yabo. Uthe akusigxotha, sasuka <b>sandanda</b> apha enkundleni sagqibela ngokuthi ngcu phezu kwemoto yakhe. Uthe akusileqa apha sabuya saya kungena evenkileni. Uphume nesikhuni somlilo wasigibisela ngaso yasuka yantumekeka ngumlilo yonke ivenkile. Khangela ke ukuziphosa kuyo ezama ukusindisa impahla encediswa ngabantu.	10
Ithe yakungena inkosikazi suka lwavaleka nocango olu lukhulu batshixeleka ngaphakathi. Batsha. Uthe etoshatosha ezama ukuvula suka waphaphama kanti sekusile kwaye kusemini. Eli phupha ulixelele uYolisa. NoThamsanqa ufike wamxelela ukufika kwakhe ukusuka emzini wakhe. Umntu ongakhange axelelwe yimazi le kuba kaloku <u>ibisisisifu</u> .	15
Le ngxabano yabo yeveki ephelileyo yavakala ebantwini ngokubanzi kuba kaloku umphembi wayo wakha wazihambahambisa ukuza kuva ukuba izele nkomo ni na. Uthe akuhletyelwa yitshomikazi le, wayisasaza ngakumbi elokishini.	20

- 1.1.1 Wayesenza msebenzi mni uLungile? (1)
- 1.1.2 Yintoni eyayibangela le ngxabano kaLungile noNomakhwezi? (2)
- 1.1.3 Xela ingxaki awafika uLungile ikho evenkileni ngexesha awayebuya esibhedlele. (1)
- 1.1.4 Khetha impendulo echanekileyo ibe nye kwezi zingezantsi.
- Injongo yokusetyenziswa kweli phupha likaLungile lokutshela evenkileni kule noveli:
- A Kukubonisa umfundi isiganeko esingazukwehla ebalini.  
 B Kukukrobisa umfundi kwisiganeko esiza kwehla ebalini.  
 C Kukubonisa umfundi ukungalungi kwamaphupha ebalini.  
 D Kukukrobisa umfundi kwiingxaki zamaphupha ebalini. (1)

- 1.1.5 Nika umfanekiso-ngqondweni ozotywa ligama elibhalwe ngqindilili, uze uxele ukuba uqaqambisa ntoni. (2)
- 1.1.6 Chaza intsingiselo yegama 'ibisisisifu' kwisicatshulwa. (1)
- 1.1.7 Khankanya imiba ibe MIBINI awathetha ngayo uLungile kumyolelo wakhe. (2)
- 1.1.8 Xela igama lalo mphembi kuthethwa ngaye kwisicatshulwa. (1)
- 1.1.9 Cacisa ukuba isivakalisi esingezantsi simtyhila njengomlinganiswa onjani lo mphembi kuthethwa ngaye.
- Uthe akuhletyelwa yitshomikazi le, wayisasaza ngakumbi elokishini. (1)
- 1.1.10 Tshatisa inqanaba lesakhiwo sebali ELIKUKHOLAM B nesiganeko ESUKUKHOLAM A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	Ukubhubha kukaNozililo noMakhwetshu.	A	Inqanaba lengabula-zigcawu.
(b)	Ukuthenga kukaLungile ivenkile kaMosia.	B	Inqanaba lokuyondelelana kwebali.
		C	Inqanaba lokusonjululwa kwezinto.

(2 x 1) (2)

- 1.1.11 Nika indima edlalwa nguYolisa kule noveli, ze uxhase impendulo yakho. (2)
- 1.1.12 Xela isiganeko esibonisa ukuba wakha wasengxakini uMpumelelo eBlythswood. (2)

**KUNYE**

- 1.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

Obukeleyo akazange awuhlanganise umlomo kukubona izifundiswa zikhunge owazo. **Kwakumbejembeje zizinxibo zeembasa ezinomsila kwangathi kumhla kwathweswa izidanga eYunivesithi.** Wayekho noGqirha Sangela. Zenziwa iintetho ngoogqirha abaziwayo bencoma betyibela umsebenzi owenziwe nguMpumelelo.

5

'Xa ndibona lo mbono uphambi kwam, ndiziva ndingenakho ukungathi namhlanje isizwe esiNtsundu sifikelele kwinqanaba eliphezulu ebomini baso, inqanaba lokunonophela abantwana baso ngokubafundisa. Le nto iyimfundo ayinalishwa naphi na. Yenza ukuba abantu bazane, bathandane, babukane. Kumnandi kanye xa ndibona nale nginginya yabantwana besikolo abeze apha, kuba ezingqondweni zabo namhlanje kuzobeka umfanekiso wento abahlala bethetha ngayo ootitshala babo ndawonye nabazali. Baza kumka besazi ukuba ekunyamezeleni kukho umvuzo.'

10

'Nali elakho, mfo kaNtsibande, kaMehlwenkomo, thole lasemaJwarheni iqashiso likuwe namhlanje. Ubize abantu wathi mabeze ekhaya apha baze kuvuyisana nawe kuba ugqibile ukufunda, baze kukunika amathamsanqa nakweli xhobongwana leshishini owalishiyelwa nguyihlo. Aba bantu abezanga kuba bebizwe nguwe. Bebengenakuza kuba abakwazi ngesizathu sokuba ungumntwana, imveku ezalwa izolo oku engazi nto ngobomi. Beze kuba besazi uyihlo uLungile. Nawe ke hlala ekhondweni likayihlo ubakhonze, ubathande ubabuke. Indlela yokubakhonza kukuhlala enyanisweni nasekuthandazeni. Ndisatshaya.'

15

20

Olu dlwabevu lwentetho belusenziwa ngugqirha owaziwayo eThekwini, uGqirha Masibane.

- 1.2.1 Xela ukuba litheko lantoni eli liqhubeka kwisicatshulwa. (1)
- 1.2.2 Yintoni enxulumanisa uGqirha Sanqela noMpumelelo? (1)
- 1.2.3 Xela udidi lwesafobe olukwisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)
- 1.2.4 Chaza isimo sentlalo ngokwexesha esityhilwa sisivakalisi esibhalwe ngqindilili. (2)
- 1.2.5 Ngqina ukuba uGobidolo ungumlinganiswa ongqukuva. (2)
- 1.2.6 Xela iyelenqe elenziwe nguNozililo ngale mini yeli theko ze uchaze nesiphumo salo. (2)
- 1.2.7 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli ze uxhase impendulo yakho.  
Udidi elulo le noveli (Yinovelu eyithrila/Yinovelu engemiba yentlalo/Yinovelu yophando). (2)
- 1.2.8 Nika umxholwana ovezwa kwesi sicutshulwa. (2)
- 1.2.9 Chaza ukuba isenzo sokutshiswa kukaNozililo sasibangelwa yimpindezelo. (2)
- 1.2.10 Nika imfundiso yale noveli. (2)

**[35]**

**UMBUZO 2: UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani**

2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

'NguLinda Monti ke lo ndiza kuniyalela ukuba nimfuduse ngobunono obukhulu kweli zulwana lakhe lasemhlabeni, nimthathe nimse kwiminquba yetolongo apho aya kuhlala eselugcinweni olungqingqwa, de kufike umhla aya kujongana nesityholo esimfaneleyo emva kophando endisalwenzayo.'	
Akubangakho uphenduleyo. UHlobo uvule ucango lwegumbi awayekulo uLinda, wayalatha ngomnwe lo nzwakazi. Yayisathe <b>tywaa</b> phezu kwalaa mandlalo wayo, entla. Asuke ajongana amadoda ngumothuko, kucaca ukuba ebomini akazanga awufumane umyalelo wokubamba enje ngaleyo inzwakazi.	5
Ibe nguHlobo othe gqada: 'Ndiv'intwembi, nkosazana, impangelo iyandi-nyanzela ukuba ndingabi nalusini ngemihla enje ngale. Uyazi nawe, impangelo yimpangelo. Sowunceda ngokuphakama, unxibe ngendlela eyothi ingqinelane neemeko owofikela kuzo emva kwemiqobo yeentsimbi – ejele ke ngoko. Uyazazi izinto obuhleli uzenza kweli phakade. Umele ngoko ukuba ubusoloko uyilindele le mini, usazi ukuba ngenye imini woze ulindwendwele eli khaya lezihange. Ndiyathemba ukuba njengencutshe kwezehombo, kulaa tyesi yakho yempahla akho amadlavana afudumeleyo abekelwe lo mhla usidenge.'	10 15
'Mfo! Bendingakwazi ukuba ukrwada kangaka!!' <u>Uwakhonkothile uLinda loo mazwi</u> , exhuma ukuphakama emandlalweni wakhe.	20

- 2.1.1 Xela ukuba ngoobani aba bantu uHlobo abayalela ukuba bafuduse uLinda. (1)
- 2.1.2 Chaza ukuba kutheni uHlobo eyalela ukuba uLinda afuduswe. (2)
- 2.1.3 Xela isiganeko esilandela oku kuqhubeka kwesi isicatshulwa. (2)
- 2.1.4 Nika umfanekiso- ngqondweni ozotywa ligama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)
- 2.1.5 Tshatisa inqanaba lesakhiwo sebali ELIKUKHOLAM B nesiganeko ESIKUKHOLAM A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	Ukutyelela kukaHlobo eMoonglow.	A	Inqanaba lovuthondaba.
	Ukufunyanwa kwetape	B	Inqanaba lokuyondelelana kwebali.
(b)	recorder nguHlobo.	C	Inqanaba lesiphelo.

(2 x 1) (2)



- 2.1.6 Xela isafobe esikwisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)
- 2.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli ze uxhase impendulo yakho.  
Udidi lomlinganiswa alulo uThembisa Ntlokonkulu kule noveli (Ngumchasi/Ngumlinganiswa oyintloko/Ngunxantathu). (2)
- 2.1.8 Chaza ukuba ibinzana elingezantsi lityhila ntsingiselo ni ngoLinda Monti.  
... njengencutshe kwezehombo. (2)
- 2.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli ze uxhase impendulo yakho.  
Udidi elulo le noveli (Yinovelu eyithrila/Yinovelu engemiba yentlalo/Yinovelu yophando). (2)
- 2.1.10 Ngqina ukuchaneka kokuvallelwa kukaLinda kwikhaya 'lezihange'. (2)

**KUNYE**

- 2.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

'Niyawaxokisana, bantu belokishi; akukho tyala lakha lamiswa seyifikile neJaji.'

Abanye: 'Kaloku iJaji ayizele tyala likaLinda kuphela.' Abanye: 'Kuthiwa likhulu, madoda: iJaji igqibe ekubeni libe lelokugqibela kumatyala abelinde umjikelelo wayo.'

5

Ngokwenene ke kwakunjalo. Isicelo sokuba libe lelokugqibela senziwa nguMtshutshisi kuba esithi: 'Kukho ubungqina obuthile ekusafuneka ndibucweye namangqina.'

Lalanele ke ithuba loko kucweya kuba kwamanye amatyala kwakuthelekelelwa ukuba ijaji yothatha isithuba seeveki ezintathu.

10

Ubunyaniso bento yokuba limisiwe ityala baqala ukungqinwa ngababeze kuphulaphula, ngokungamboni nangetshengele oyena mntu wayenyanzelekile ukuba abekho-uHlobo. Bengazinje, loo Hlobo wayeyeyona ndoda ichwayitileyo kwelo Monti ngaloo mini, ezonwabele eofisini yakhe. Kaloku ngezolo wayede wayifumana into ebekade eyizungula-*itape recorder*; eyifumene isadlala. Yinto awayeyive kuloo *tape recorder* eyayimonwabisile.

15

**Awayeyivile wayeyazi yedwa, engafuni kuyiphalaza nasemapoliseni, nakwigqwetha lommangalelwa.** Inye awasuka wayicela yeyokuba makumiswe ityala. Wonke ke umntu wayejonge kuye ngomdla. NoLizzie, unobhalana wakhe owayeqhele ukutyhilelwa iimfihlo, wafa namthanyana kwezaloo mini iindaba.

20

Athi amapolisa ukuze aqonde ukuba ikho ayimithiyo uHlobo, eva isicelo sakhe sokuba imoto yakhe mayifakelwe unomathotholo wokusasaza ngomoya, esithi ufuna abenakho ukuthetha nomzi wamapolisa nangaliphi na ixesha, nakweyiphi na indawo. 25

- 2.2.1 Xela indawo abakuyo aba balinganiswa bathetha kwesi sicutshulwa. (1)
- 2.2.2 Nika isizathu sokuba uHlobo abe yeyona ndoda ichwayitileyo. (2)
- 2.2.3 Chaza ukuba simtyhila njengomlinganiswa onjani uHlobo isivakalisi esibhalwe ngqindilili. (2)
- 2.2.4 Chaza isimo sentlalo ngokwexesha esityhilwa sisivakalisi esingezantsi.  
'... imoto yakhe mayifakelwe unomathotholo wokusasaza ngomoya ...' (2)
- 2.2.5 Khetha impendulo echanekileyo ibe nye kwezi zingezantsi.  
Injongo yokuba umbhali alufihle ulwazi olufumaneka kwitape recorder ekuqaleni kwebali kukudala imo ...  
A yempixano kumfundi wale noveli.  
B yonxunguphalo kumfundi wale noveli.  
C yokonwaba kumfundi wale noveli.  
D yosizi kumfundi wale noveli. (1)
- 2.2.6 Chaza ukuba uThembisa Ntlokonkulu ulusebenzise njani ulwazi analo ngeenkukacha zikamakazi kaEddie. (2)
- 2.2.7 Nika intsingiselo eziswa libinzana elingezantsi.  
'... wafa namthanyana' (2)
- 2.2.8 Xela ukuba nguwuphi umxholwana ovezwa kwesi sicutshulwa. (2)
- 2.2.9 Chaza indima edlalwa nguLizzie kule noveli ze uxhase impendulo yakho. (2)
- 2.2.10 Sinika mfundiso ni ngabahlobo isenzo sokubulawa kukaEddie ngamalungu aseMoonglow? (2)

**[35]****AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**ICANDELO B: IDRAMA****UMBUZO 3: NDIYEKENI – DM Jongilanga**

3.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

*(Kusuku olulandelayo ngorhatya, kungena uNdila endlwini kaFuneka Matiwane kwa-N. U. 3. Ufike uFuneka eyedwa lingekho iqabane lakhe uZanele Nxusani.)*

NDILA: Funie girl! (*Ebulisa*)

FUNEKA: Hallow Dicksie. Uyazi ukuba kule mihla usuke wanqaba 5  
wachasela okwethamsanqa. Inene ndibe uphindele esuthwini.

NDILA: Kanene ufane uthethe wena. Uyandihleka kuba ndiphelelwe  
emsebenzini? Ngenye imini uya kuze uqonde ukuba ubomi  
ngumxube wezothuso namayeyeye.

FUNEKA: Hayi wethu, musa **ukulixhoma epalini iswili** lakho. Asinto esiya 10  
kulala sitye yona leyo. Into elungileyo kukufuna umqolomba  
ungene kuwo ngexesha lezothuso uphume ngethuba leziqabu.

NDILA: Kungenzeka ukuba ndize kungena komnye.

FUNEKA: Ulumke hlez' uthi kanti lo sowubhudl' umoya.

NDILA: Noko andicingi ukuba ndingashiywa nanguwe enyanyeni. 15  
Uncedo lufumaneka kwabasemzini kunabasekhaya.

FUNEKA: Ukuba ufuna imali utsho ebhatyini mtshana.

NDILA: Kuwe imali yinto yonke and like all gold diggers, you will fold up  
your tent and desert a gold mine that has given you comfort and  
position when its yield ceases to be of commercial value. 20

FUNEKA: Hayi wethu ndiyaqhula.

NDILA: Uyaqal'ukuthetha. Uyayazi into yokuba ndiphelelwe  
emsebenzini kwaye ndicinga ukuba uyazazi nezizathu.

FUNEKA: Lilonke?

3.1.1 Xela iinkcukacha zibe MBINI ezifumaneka kwizalathisi zeqonga  
kwesi sicutshulwa. (2)

3.1.2 Nika isizathu sokuba uNdila andwendwele uFuneka. (2)

- 3.1.3 Xela isiganeko esilandela le ngxoxo ikwiscatshulwa nesiphumo saso. (2)
- 3.1.4 Ngubani igama lenkosikazi kaNdila? (1)
- 3.1.5 Xela isafobe esikula mazwi alandelayo.  
'... usuke wanqaba wachasela okwethamsanqa.' (1)
- 3.1.6 Mfanekiso-ngqondweni mni ozotywa libinzana elibhalwe ngqindilili kwintetho kaFuneka? (1)
- 3.1.7 Tshatisa inqanaba lesakhiwo sebali ELIKUKHOLAM B nesiganeko ESUKUKHOLAM A.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	Ukugwetywa kukaNdila, uFuneka noZanele.	A	Inqanaba lokuyondelelana kwebali.
(b)	Ukurhoxa kukaLoni emsebenzini.	B	Inqanaba lengabula-zigcawu.
		C	Inqanaba lesiphelo.

(2 x 1) (2)

- 3.1.8 Wakhalela ntoni uLoni xa wayegxothwa nguZanele noFuneka? (2)
- 3.1.9 Nika umxholwana ovezwa kwesi sicutshulwa. (2)
- 3.1.10 Xela ukuba luluphi uhlobo lwedrama olu, ze uxhase impendulo yakho. (2)
- 3.1.11 Nika into ibe NYE engalunganga kwindlela aziphethe ngayo uMadala kulo mdlalo. (1)

**KUNYE**

- 3.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

*(Sibona uMaziko isandla sikaMawonga Loni singena emzini kaMadala usihlalo wekomiti yesikolo.)*

MAZIKO: Kamnandi.

MADALA: Heke titshala. Seluzithabathela isitulo eso, akukho bantwana apha. Isaphila inkosi yakho?

5

MAZIKO: Iyaphila ingaphili noko.

MADALA:	Uthini na mfo kaMaziko?	
MAZIKO:	Ndikuxelela inyaniso. Akusekho mntu tu. Ndilapha nje yiloo nto kanye.	
MADALA:	Eyiphi mfo wam?	10
MAZIKO:	Awu! Wenzani kaloku bawo? Ndathi ndisandlala umcimbi wathanda ukundinqophela?	
MADALA:	Hayi mfo wam andinqopheli, ndingagabangxi, intokunayo ngekuba ndithi zalela elubala.	
MAZIKO:	Sekumasuku bawo ndihambela lo mcimbi kweli khaya.	15
MADALA:	Owuphi kanene? Makhe sikhumbuzane kuba zininzi, zaye azilali mbethe.	
MAZIKO:	Kudala bawo ndikuxelela ngoLoni ochitha isikolo. Phofu nditsho kuba inguwe. Lo mfo wayeka ukusebenza, yonke into isemagxeni kum. Ndingxamele ukusinda-sindana kungoku nje.	20
MADALA:	Ke lilonke uthi mandithini?	
MAZIKO:	<b>Mboneleni icebo uLoni.</b> Andinakwenza umdovu womsebenzi ndingamkeli ngawo.	
MADALA:	Ucebisa ukuba senze ntoni ke wena titshala?	
MAZIKO:	Awu! Uya kuthini kaloku bawo ukuzenza ibhenqa ulizingela. <u>Ndize kukuvusa njengelungu lekomiti, nalungu lekomiti usihlalo.</u>	25
MADALA:	Kaloku titshala kufuneka xa undulula umcimbi uqiniseke ngawo. Andimntu uthanda ukubamba intulo ngomsila.	
MAZIKO:	Uthetha ukuba animboni ukuba uLoni utshila ngesidanga sikaNdila? Iziphumo zizibi nje le minyaka mithathu, nithi zibangwa yintoni?	30

- 3.2.1 Xela injongo kaMaziko yokundwendwela kwaMadala. (2)
- 3.2.2 Chaza ukuba atyhila simo sini ngoLoni amazwi kaMaziko athi, 'Akusekho mntu tu'. (2)
- 3.2.3 Nika igama lale nkosi kuthethwa ngayo. (1)

- 3.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.  
Injongo kaMaziko yokuzixakekisa ngoLoni:
- A Kukumenza umhlobo.
  - B Kukudala iyelenqe.
  - C Kukudala intsebenziswano.
  - D Kukuxabisa umsebenzi. (1)
- 3.2.5 Chaza isimo sentlalo ngokwexesha esityhilwa sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)
- 3.2.6 Nika intsingiselo eziswa yintetho kaMadala ethi, 'zalela elubala'. (2)
- 3.2.7 Ngqina ukufaneleka kokugwetywa kukaFuneka. (2)
- 3.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli ze uxhase impendulo yakho.  
Udidi lomlinganiswa alulo uJerry kule noveli (Ngumchasi/ Nguvalithuba/Ngunxantathu). (2)
- 3.2.9 Chaza esi sidanga sikaNdila atshila ngaso uLoni ngokukaMaziko. (1)
- 3.2.10 Xela isizathu sokuba uMaziko athethe la mazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)
- 3.2.11 Ucinga ukuba yintoni injongo yombhali ngalo mdlalo? (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE****UMBUZO 4: NDAKUYICELA IVUTHIWE– LL Ngewu no Z Siguqa**

4.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G****UMNTU AKAL AHLWA**

UNobesuthu noNomtha babonile ukuba mabangachithi xesha babe bephendulana noyise, kuba ilizwi lakhe belingawi phantsi, yaye babeyazi ukuba nonina obezama ukubathethelela angaphuma yena kuqala kuloo mzi. Baphindele kwigumbi labo lokulala baqokelela kwanto yabo, bayithatha loo mithwalo ibingenakuthwalwa kuba kaloku bebesebethwele imilomo. Baphumile ngobo busuku balinikela umva ikhaya bengazi ukuba baza kulalisa phi. Bagqibe kwelokuba baye eTsilitlwa kwayisekazi uTyhobeka. 5

Bafike eTsilitlwa ezinzulwini zobusuku bengagodoli beqhaq hazela. Babenga-qhaq hazeliswa yingqele yobusika kuphela, koko naluloyiko lwale nto ibehleleyo. Ekufikeni kwabo kwaTyhobeka basothule isikhalo, balila begixa ngokungathi babhungisene. Ngubani ke phofu owaziyo ukuba babenga-bhungisananga? Esi sikhalo sikhawuleze sakhatshwa yinja ebingazanga izibalule ngokukhonkotha, kodwa namhlanje yenze umkhulungwane. 10

Nakuba uTyhobeka ebekhanyisile nje ngofinyafuthi, isibane esibalule-kileyo kubantu baseTsilitlwa, uye waqhwitha wakha umkhanyo efuna ukuqinisekisa ukuba ngoobani kanye aba. Uncine amehlo okomntu ofa lungcume, koko amehlo anorhatyazo endod'enkulu, akamncedanga ukubaqonda abo bantu. Koko kunkolonkoloza uncedwe nguMthwakazi, umfazi wakhe, othe, 'Yise kaMandla ngabantwana bakaMaMthi aba'. 'Tyhini madoda! Umfo wethu utshabile? Yinto yanini leyo?' 'Utata akatshabanga bawokazi. Silapha nje usigxothile', uphendule uNomtha. 'Unigxothile ebusuku apha? Unigxothile ntoni kodwa uMathidala?' 15 20

- 4.1.1 Xela ilali eliqhubeka kuyo eli bali. (1)
- 4.1.2 Chaza ukuba simtyhila njengomlinganiswa onjani uMathidala isivakalisi esinomgca ngaphantsi. (2)
- 4.1.3 Chaza umahluko kwisohlwayo sokukhulelwa esafunyanwa nguNobesuthu noNomtha kunye nesikaThandile. (2)
- 4.1.4 Chaza imo ababekuyo uNobesuthu noNomtha ngobusuku abafika ngabo kwaTyhobeka. (1)
- 4.1.5 Chaza isimo sentlalo saseTsilitlwa. (2)

- 4.1.6 Tshatisa inqanaba lesakhiwo sebali ELIKUKHOLAM B nesiganeko ESUKUKHOLAM A.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Ukuya kukaTyhobeka kwaMathidala.	A Inqanaba lengabula-zigcawu.
(b) Ukumitha kukaNomtha noNobesuthu.	B Inqanaba lokusonjululwa kwezinto.
	C Inqanaba lokuyondelelana kwebali.

(2 x 1) (2)

- 4.1.7 Chaza indima edlalwe ngumlinganiswa onguTyhobela kweli bali. (2)

- 4.1.8 Chaza ukuba singqamana njani isenzo sikaMathidala sokugxotha iintombi zakhe nesihloko sebali. (2)

- 4.1.9 Xela umfanekiso-ngqondweni otyhilwa libinzana elibhalwe ngqindilili ngezantsi.  
'... **basothule isikhalo** balila begixa ...' (1)

- 4.1.10 Nika umxholo weli bali. (2)

- 4.1.11 Xela udidi lwempixano olubonakala kwintlalo kaMathidala neentombi zakhe. (1)

- 4.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA H

#### NGUMNTU ONJANI LO?

Kuphakame ufafa lomfana weza ngqo kumfundisi, wafika wamnika iphetshana. Ulijonge nje kancinci umfundisi eli phetshana, kwabonakala ngohlobo alityhilizele phaya ngalo ukuba kumcimbi wokufunda umfundisi lo akazingci nganto. Umile lo mfana ejonge ntsho kumfundisi, ngokungathi ulindele impendulo yencwadi ebemgqithisele yona. Ude umfundisi wasebezela lo mfana wathi kuye, '*Siza kuqala ngomthandazo. Kodwa lo mntu ndize kumngcwaba ngumntu onjani?*' Umfana akawuphendulanga lo mbuzo kamfundisi, koko uye wajonga kude. 5

Umfundisi uyalele ukuba kuculwe iculo elithi: '*Yesu Langa lomphfumlo.*' Umthanjiswa uyenzele lula le rhamente kuba kumqolo ngamnye ubethi ngqe ngaphambili awufunde **okwesitshingitshane** umqolo. Nakuba umfundisi ebenzele lula abantu kubekho madoda athile axhathise kuhlobo lokucula ngoohawu hawu abaninzi. Ukhe wawuphosa umfundisi omnye umqolo ecatshekiswe yinto angabanga nako ukuyinyamezela. Ukhombe eny' indoda wakhwaza wathi, '*Thul'isankwane eso akukho sembholorhweni apha!*' Babekho abakhe bangena ngengoma kumcimbi wesankwane koko banqandwa kukugigitheka kwentsini, kubonakala ukuba kuyahlekwa nokuba kufiwe. 10 15



Emva kweli culo umfundisi wenze umthandazo wentloko apho avakele ngokubetha kolwimi ukuba le yenye yezinto ayiqeqeshelweyo kwisikolo 20 sobufundisi ukuba wayefikelele phofu kuso. Emva komthandazo umaneli uhlabele umthandazo weNkosi.

- 4.2.1 Xela isiganeko esiqhubeka kwesi sicutshulwa. (1)
- 4.2.2 Nika isizathu sokuba ufafa lomfana lume lujonge ngqo kumfundisi. (2)
- 4.2.3 Xela udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili. (1)
- 4.2.4 Babebangaphi abantwana bakaManduleli? (1)
- 4.2.5 Chaza okutyhilwa kukuphinda-phindwa kombuzo othi, 'Ngumntu onjani lo?' kweli bali. (2)
- 4.2.6 Yintoni eyabulala uManduleli? (1)
- 4.2.7 Xela isizathu sokuba uManduleli angangcwatywa ngosuku olwalumiselwe ukuba angcwatywe ngalo. (2)
- 4.2.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.
- Injongo yombhali yokuwuchaza njengo '*hawu hawu*' umculo wamadoda ...
- A Kukukhumbuza abantu ngendlela izinja ezikhonkotha ngayo.  
 B Kukubonisa ukuba amadoda ayecula kamnandi.  
 C Kukukhuthaza indlela awayecula ngayo amadoda.  
 D Kukuphoxisa ngendlela awayecula ngayo amadoda. (1)
- 4.2.9 Cacisa okutyhilwa yile ntetho ingezantsi ngoManduleli.  
 '... ubeyindoda phakathi kwamadoda kuba nje enxiba ibhulukhwe.' (2)
- 4.2.10 Ingaba ifanelekile indlela amadoda awayeziphethe ngayo kumngcwabo kaManduleli? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.2.11 Nika imfundiso yeli bali. (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**ICANDELO D: ISIHOBE**

Phendula imibuzwana YOMIBINI.

**UMBUZO 5: VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela-Umhleli**

5.1 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**INTYATYAMBO – M Mbutuma**

- 1 Ewe, ntyatyambo, kha usibonise,
- 2 Ewe kaloku, kha usixelele:
- 3 Elona xesha lokuba ume,
- 4 Ililiphi n' elona ziko lakho,
- 5 Aph'umnt' angakha khona,
- 6 Uphin' owona mthombo wakho,
- 7 Aph' umnt' angazikholisa khona,
- 8 Aph'angahlal' azikhelele,
- 9 Aph' angazidid' akruquke.
  
- 10 Baxolil' abahamb' emimangweni,
- 11 Kub' ubaph' ukuyol' emathafeni,
- 12 Babukel' ubuhle nehombo yakho.
- 13 Ubaxolisil' abazingeli bakho,
- 14 Balibala bebuk' ubuhle bakho.
- 15 Uzidlamkisil' iinyamakazi,
- 16 Ziphaphile zinokuqavakazi,
- 17 Zid' obakh' ubuncuthu,
- 18 Zikunye neentaka zezulu,
- 19 Zid' incind' emyoli kakhulu.
  
- 20 Ziindid' ezininz' iintyatyambo.
- 21 Ulinganiswa nomXesibe nabaMbo.
- 22 Kant' umthinjan' ukwenz' ihombo,
- 23 Ukwenz' uvunywe lilizwe
- 24 Ngomsebenzi wakho wobuzwe.
- 25 Waa, ntyatyambo, uvunyiwe,
- 26 Ngenene ngevumb' uthandiwe,
- 27 Kanti ngobuhl' uvunyiwe.
- 28 Ngomfaneleko wesamele.
  
- 29 Ndikubona futh' emifuleni
- 30 Aph' uhlal' emafuku-fukwini.
- 31 Ngokungath' usekuwahombiseni
- 32 Loo manz' anzongo-nzongo ezizibeni.
- 33 Phezu kwamachib' uyakhonya
- 34 Ujikwa-jikwa kuhle yimimoya,
- 35 Ningqungqe kuhle nivum' ingoma,
- 36 Adungek' amanzi sel' eman'encoma,
- 37 Induluk' imisinga al' amanxwema.

38	Zon' izitiya sel' izezakho
39	Kub' uman' ufunyanw' apho.
40	Zon' iibhekile namagogogo
41	Neembodlelana zikubeka kuzo,
42	Zide zikufak' ezindlwini.
43	Ubune kukuhlal' endlwini
44	Buphel' ubuhle kuni
45	Kuwe invuthuluka kwakuni
46	Nilahlwe ubuhle bungasekho kuni.

- 5.1.1 Nika izinto zibe MBINI imbongi enqwenela ukuzazi ngentyatyambo kwisitanza sokuqala. (2)
- 5.1.2 Xela udidi lwesafobe esisetyenziswe kumqolo woku-1 nowesi-2. (1)
- 5.1.3 Tshatisa uhlobo lophinda-phindo lwezandi OLUKUKHOLAM B nemiqolo olubonakala kuyo EKUKHOLAM A.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Umqolo woku-1 nowesi-2.	A Imvano-siphelo.
(b) Umqolo we-10 nowe-11.	B Imvano-siqalo.
	C Imfano-zandi.

(2 x 1) (2)

- 5.1.4 Nika umongo wesitanza sesibini. (2)
- 5.1.5 Chaza injongo yokusetyenziswa kwesikhuzo u-'waa' kumqolo wamashumi amabini anesihlanu. (2)
- 5.1.6 Khetha umqolo ozoba umfanekiso-ngqondweni weempumlo kwisitanza sesithathu. (1)
- 5.1.7 Tolika okuthethwa ngumqolo wama-22. (1)
- 5.1.8 Xela indawo efumaneka kuyo intyatyambo kumqolo wama-29. (1)
- 5.1.9 Lizoba umfanekiso-ntelekelelo mni igama, 'Ujikwa-jikwa' elikumqolo wama-34? (1)
- 5.1.10 Chonga umqolo onika uluvo lokuba intyatyambo izithimbile izitiya. (1)
- 5.1.11 Nika umyalezo ogqithiswa yimbongi kwimiqolo 43–46. (2)
- 5.1.12 Xela injongo yokusetyenziswa kophawu loshiyelelo lwesikhamiso kulo mbongo. (1)

## 5.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMANYANO – ZS Qangule**

- |    |  |
|----|--|
| 1  | Ubuhlobo babo yindima yobobo,          |
| 2  | Ubuhle babo ngamagqabi ehlobo.         |
| 3  | Zimvo zabo bubunzulu bolwandle,        |
| 4  | Qilimba lwazo ntsimbi yesinyithi.      |
| 5  | Izivondoviya zemihla zenza ingxolo,    |
| 6  | Zigxutsha kutsho kube bubutyobo.       |
| 7  | Bona basala beme njengezikhondo,       |
| 8  | Kaloku ezantsi iingcambu zibambene.    |
| 9  | Zavela ziphefumlelana ngamoya mnye,    |
| 10 | Kuba zingqubeka <u>matyeni</u> manye.  |
| 11 | Ningalibali zintshula mbewini inye,    |
| 12 | Kwasekuqaleni zihamba ndlela inye,     |
| 13 | <u>Bathi iqazi liyajiya kunamanzi.</u> |
| 14 | Kanti iingcambu ziyakufunxa okumanzi   |

- 5.2.1 Chaza isakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)
- 5.2.2 Nika umfanekiso-ngqondweni otyhilwa kumqolo woku-1 nowesi-2, ze uxele ukuba uqaqambisa ntoni ngomanyano. (2)
- 5.2.3 Chaza ukuba yintoni izivondoviya. (1)
- 5.2.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.  
lingcambu ekuthethwa ngazo kumqolo wesi-8 zingumqondiso ...
- A wesityalo.  
B womanyano.  
C wokungazalani.  
D wobubi. (1)
- 5.2.5 Kunika ntsingiselo ni ukuphinda-phindwa kuka '-nye' kwioktheyivu yalo mbongo? (2)
- 5.2.6 Xela ukuba igama elinomgca ngaphantsi kumqolo we-10 libhekisa entwenini ngokubhekiselele kumxholo walo mbongo. (2)
- 5.2.7 Nika injongo yokusetyenziswa kwamagama alinganayo kumqolo ngamnye. (2)
- 5.2.8 Siqaqambisa ntoni isenzi u 'zibambene' ngokwalo mbongo? (1)
- 5.2.9 Chaza ukuba unxulumana njani umqolo we-13 nomxholo wombongo. (2)

- 5.2.10 Ludidi luni lombongo olu? (1)
- 5.2.11 Ucinga ukuba yintoni injongo yembongi ngalo mbongo? (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**  
**AMANQAKU EWONKE: 70**